Mirror Study Bhayibhile

I-Mirror 'Study' Bhayibhile yinguqulelo evakaliswe nethatyathwe kumbhalo wokuqala. Lo gama kulandelwe ngocoselelo intsingiselo ethe ngqo kuqobo lwesibhalo, izivakalisi zakhiwe ngendlela apha yokuba ububanzi bentsingiselo buqhubeke nokugxininiswa ngalo ubhalo olwandisiweyo. Ubhalo olushicilelwe ngokukekeleyo lubandakanyiwe ukuchuba kunye nokucacisa. Olu lufundo oluvakaliswe ngandlela yimbi futhi yalutoliko

olulula endaweni yenguqulelo ethe ngqo. Iinkalo zonke zengcombolo yegama ngalinye lesiGrike zifundiwe ngeyona nkathalo. Oko kwenzelwe ukukhawulelana kunye nokungqiyama nomxholo onguwona wesahluko sonke ebubanzini bencwadi iyonke- Ingalityalwanga inyaniso yokuba uYesu ukoko iziBhalo zingako konke, kwaye kwangaxesha-nye uluntu nalo lukoko uYesu angako konke. Ukunceda umfundi esifundweni sakhe, ndayamanise kwaye ndangqamanisa igama lesiGrike (ndithabathela esiNgesini) nelo lesiXhosa. Olo bhalo wolibona kumagqabantshintshi abhalwe ngokukekeleyo. Le nto yenzelwe ukuba kubekho uqhathaniso oluthe ngqo lwamagama kwezi lwimi zimbini.

Mandulo ndaguqulela iincwadi zikaPawulosi ekuthiwa ukubizwa kwazo, yiRuach Translation, kodwa ke azizange zipapashwe. Ngonyaka wa-2007 ndaqalisa ngayo le-Nguqulelo iMirror. Lona ngumsebenzi oqhubekekayo kwaye ekugqibeleni uyakubandakanya zonke iincwadi zeTestamente Entsha kunye nengxenye yeencwadi zeTestamente e-Ndala. Ezigqityiweyo iincwadi ukuza kuthi ga ngoku (2019 eyoMqungu) zezi: Ivangeli ngokubhalwa nguYohane; AmaRoma; AbaseKorinte bokuqala; AbaseKorinte besibini; AmaGalati; AbaseEfese; AbaseFiliphi; AbaseKolose; AbaseTesalonika bokuqala; uTimoti wesibini; uTito; AmaHebhere; James; uPetros wokuqala isahluko 1& 2; uPetros wesibini isahluko 1; uYohane wokuqala kunye neNcwadi yesiTyhilelo.

www.mirrorword.net

© Copyright Francois du Toit 2012

ISBN 978-0-9922302-9-6

Ekuphononongeni nayiphi na inguqulelo yeSibhalo kunika lowo ithuba lokuva ulwimi kunye neengcinga zoMenzi wethu, zihlengwe kulo utoliko kunye nolwimi lomguquleli. (lwabaguquleli) Kule nguqulelo ihlaziyekileyo, uFrancois du Toit uze wavulela ukhuselo abafundi bayo nayiphi na iminyaka, nakweyiphi na inkcubeko okanye olwimi, ukuba bonwabele olumangalisayo ulwazi kulo ungongozo lwentliziyo ye-Agape-apho bonke baziva bethandwa ngokulinganayo; bebandakanywe ngokulinganayo kwaye bexatyiswe ngokulingana emehlweni kaTata, futhi behlangulelwe kulo umanyano esisuka kulo!

I- Mirror igxininisa inyaniso yokuba asiqalanga nje esizalweni sikamama wethu, kodwa siluveliso kunye noluvo lukaThixo. Ukuba nawo ngoku lo msebenzi nasesiXhoseni kuya kuphawula elitsha ilixa kubadala kunye nakubanci ukuba bafumanise kwakho iBhayibhile ngokuhlaziyekileyo.

Atshi-Bhishop ***DESMOND TUTU*** *Legacy foundation*

I-Mirror Bhayibhile yeguqulayo kwaye inobulula inguqulelo, incakasana, ingcombolo kwaye iyaqondakala- lo gama ithwebulayo ikwachontsiza esitsal'umxhelw'isityhilelo somoya. Igcwel'ulwazi lobuthixo futhi yeyelixesha. Kumelwe ukuba ifundwe, isisikhokelo esifunekayo kunye nemanywali kumaqhela onke eminyaka kwaye ikulungele ukusetyenziswa kwizifundo zeBhayibhile; ekucamngceni; ekukhonzeni;

kunqulo kunye nasekufuniseni nasebufundini. UYesu Krestu ungusingaye wobhalo lonke.

Amakholwa awasayi kuwuphosa umbindi wenguqulelo nanjengoba kukho efinyeziweyo kunye nechuliweyo intambo ekhokhela kotyhilayo kunye nohlangulayo uKrestu. Abangakholwayo bayakufumana okungenakufaniswa nanto ukuphumla esibhalweni nanjengoba befumana ukutsalwa yinene kunye nolungangenwa moya usondelo lukaKrestu.

Ngokona kuqiniseka le Nguqulelo yenik'ubomi kwaye ikwaguqula kananjalo. Ngokuthobekileyo ndiqononondisekile ukuba uFrancois ukhethwe nguThixo ukukhonza esi sizukulwana kunye nesizayo ngenyaniso engangxengwanga, kanye phakathi kwezinkwalambiso ezingaqondakaliyo, phakathi kweemfundiso ezibuxoki kunye notoliko oluhamba namasiko kunye nobucawa beli hlabathi, ntw'ezo ezize zasiphambukisa enyanisweni.

I-Mirror Bhayibhile lulwamkeleko mbuleko kunye nophuhliso nguqu oluvunywe bubuthixo, noluvuselelweyo futhi lakhokelwa. Le nguqulelo ngaphandle kwentandabuzo lubhentsiso olufingayo kunye neyona nqoba yenkulungwane yethu. Uzuko kuThixo.

Rev. ***ANOUYA ANDREW MUCHECHETERE****, MBA, MA, former General Secretary of the Evangelical Fellowship of Zimbabwe.*

Kule ncwadi imangaza kangaka, uPawulosi uvuma-ngokuqinisekisa iindaba ezimnandi angumninizo nazivakalisayo njengesipho ngesityhilelo sikaKrestu kuye ngaphakathi

1:12 Lo myalezo awenziwanga mntu, umthombo wam ayomfundo esidimarha kubucawa benkolo yangaphambili, ndawamkela ngesityhilelo sikaYesu Krestu.

1:15-16 Iphupha lothando laphakade likaThixo landahlula esizalweni sikamama wam, ubabalo lakhe laba bubumna. Yintliziyo yeendaba ezimnandi endizivakalisayo le, zaqala ngotyhilo lobunyana kum, zandikhulula ukuvakalisa kwa obu bunyana kwintlaninge yeentlanga ezingengawo amaYuda. Zange ndive lungxamiseko ngokukhawuleza ukuthetha-thethana nabo babeqhelene noKrestu ngokoluvo lwembali.

UPawulosi ubonisa ubunxamnye bongabi nto yanto komthetho wemisebenzi nobutyhuthu-tyhuthu beenzame zawo ekwenzeni umnyinyiva kwisimilo somntu, kunye nesimangalisayo sona isityhilelo sobomi bengqaleko yethu buhlangulwe kuthi, kuKrestu! Usebenzisa amagama afana nala: "umthetho," "inyama" kunye "nemisebenzi" vs. ubabalo, "umoya" kunye "nokholo" ukunika isingqiniso kumandla empumelelo yomnqamlezo.

Isithembiso siqukunjelwe emntwini kaKrestu, etyhiliwe kubomi bomntu!

3:21 Hayi, umthetho awuchasenanga nesithembiso sikaThixo, ugxininisa ngamandla

isidingo soMhlanguli ukukhulula ubulungisa emntwini njengobomi bakhe, nto leyo umthetho ubungenamandla wayo! Ukuba kwakunokwenzeka ukuba umntu agwetyelwe ngomthetho, isithembiso besingasayi kubayimfuneko.

3:22 Isibhalo siyaqukumbela ukuba lonke uluntu, akho ukhutshwa ngaphandle, likwingxingo enye ngokufana, likhonkxwe esonweni, ngoku ukholo luza nesithembiso sokhululo langoko-nangoko esifikelelwa ngabo bonke! UYesu Krestu wenza kwenzeke kubo bonke ukuba bakholwe oko uThixo akukholelwayo ngokuphathelene nobulungisa kunye nobumsulwa babo obabuyiselwayo.

4:5 Umyalelo owawugunyazisiwe kuye yayikuhlangula uluntu kumgaqo-nkqubo womthetho wokusebenza nokwazisa isityhilelo sobunyana babo kuye uThixo.

4:6 Ukutywina ubunyana bethu uThixo uyalele uMoya wobunyana ukuba udume intlokomo ka-Tata *(Abba)* ezintliziyweni zethu, kwaye ngoku, kumbindi wengaphakathi lethu simazi kwakho njengowenyaniso kwaye othandekayo uTata.

5:1 UKrestu uchaza ukholo lwakho, uyinkululeko yakho kuyo nantoni na umthetho ubungenakukhulula kuyo! Lufumane unyawo lwakho ngokuthe nkqi kule nkululeko. Ungavumeli inkolo yobucawa ikukhubekise kwakho kwaye ikuxwayise inkqubo yemithetho nezinyanzeliso!

5:6 Uthando ngamavili okholo. *(Kulula ukuba uthando lukholwe!*

1:1 Igama lam ndinguPawulosi, ulungiselelo lwam kunye nomyalezo wam azimiselwanga *(azivunywanga)* **yimfundo yezakwalizwi, ndingaxhaswanga liziko lobucawa. Ndigunyaziswe nguYesu uMesiya noThixo uTata, lowo wamvusayo ekufeni.** *(UmPostile, ofingwe ukub'ahambe, oyalelweyo [2 Korinte. 5:14, 20 namaRoma. 1:5]. Ayotayitile nje, ubupostile buchaza ungxamiseko olufingayo ngokuphakamisa kuwe ngaphakathi usasazo lweendaba ezimnandi. Isityhilelo sovuko sivuselela umyalelo, uPawulosi wabona ukuba uluntu lavuswa kunye noKrestu [Hoseya 6:2 no Efese 2:5, 6])*

1:2 Mna kunye neqela lamakholwa apha eRoma siyibhekisa le ncwadi kuwo onke amabandla aseGalati.

1:3 Sinibulisa ngalo ubabalo nangoxolo oluvela ekwazini uThixo njengoTata wenu, noYesu okhokhela ubomi bukaKrestu. *(UYesu yiNkosi yobomi bukaKrestu, ubomi bengqaleko yethu buveziwe.)*

1:4 Ubabalo noxolo lunesingqiniso salo kwinyaniso yokuba uYesu wazinikela njengexhwane ngenxa yezono zethu, kwaye wasitoncula tanci kububi bephakade lenkolo yobucawa ebelimbonzeleka kuthi. Kuko kanye oku wakucebayo uTata eluthandweni lwakhe ngoluntu. *(Igama u-**poneros**, lithetha ukuzala ziimbulaleko, ziinzima kunye namatyheneba, isiqhamo somthi wokwazi ukulungileyo nokubulaleka "poneros"!)*

1:5 Udumo lwakhe oluzukileyo lungonaphakade; lwandela ngaphaya kweminyaka namaxesha.

Siyambhotisa ngo amen wethu! *(Akukho kwanto enxityelelwa yinkolo yobucawa nakweliphi na iphakade okanye nakuwuphi na umxholo enokumataniswa naye)*

1:6 Ndimangele ukuba lula kangaka niqhathwe ekutshintshiseni ngeendaba ezimnandi ngenxa yezangotshe! Iindaba ezimnandi zityhila imfezeko yobunina ngqangi *(qobo lobuwena)* **buhlangulwe kuKrestu, izangotshe ezi yingxubevange yobabalo nophakamiso mthetho. Umxube ubilela ku-zenzele-wena-ngokwakho icebo lentsindiso.** *(Nto leyo iyindlela yentlekele.)*

1:7 Akukho gospile yimbi- yeka nje ukuba kukho olu thotho lubizwa ukuba zimveliso zamaKrestu, zaze zathiywa ukuba "yigospile." Ukuba kusasele nayiphi na intwana yerheshenga lomthetho, ayizondaba zimnandi ezo, kodwa zizimvo nje zabantu zobucawa benkolo, zigxibha ezona ndaba zimnandi zikaKrestu. *(Bambi bafuna ukuniphehluzelis'iingqondo ngokupety'iindaba ezimnandi ukufaka olwabo uluvo.)*

1:8 Mna ngenkqu okanye nawuphi na kweli qela lam, singema ngokulinganayo siqalekisiwe, nokuba sibanga ukuba besinotyelelo lwengelosi, ukuba oku sikushumayelayo kunokuphambuka nje kancinci kwiindaba ezilungileyo zomsebenzi ogqityiweyo kaKrestu.

1:9 Yithi ndibe ze, kwaye kucace ngale nto: nayiphi na igospile engagxininisi impumelelo yomnqamlezo ngamampunge kwaye akukho nto izanayo ngaphandle kwesiqalekiso!

1:10 *(Ngobona bunxamnye exesheni apho uPawulosi ebedinga iincwadi zegunya kwimigaqo-nkqubo yenkolo yobucawa yaloo mihla, ukuvuma-ngokuqinisekisa umsebenzi wakhe)* **uThixo luqononondiso lwam olupheleleyo. Ndiphendula kuye yedwa, hayi umntu. Ndiqeshwe nguKrestu, ndibambekile elubabalweni lwakhe. Uluvo oluqhelekileyo nelaziwayo lobucawa benkolo alusayi kundiphembelela ndithob'umxakatho kumyalezo wam.** *(Yintoni na le inobuhle ne-CV xa uMenzi wakho engakufuni yona?)*

1:11 Ndifuna ukuyenza icace kuni bahlobo bam ukuba umyalezo endiwuvakalisayo ayiloqikelelo nje okanye imveliso yengxoxo mpikwiswano yobungqondi okanye yobucawa.

1:12 Lo myalezo awenziwanga mntu, umthombo wam ayomfundo ebucawa yam yenkolo yangaphambili, ndawamkela ngesityhilelo sikaYesu Krestu. *(Nangona besimazi uKrestu emveni kwenyama, ngoku ke asisamazi ngolo hlobo [2 Korinte 5:16].)*

1:13 Bonke bayazi ngenzondelelo yam njengomYuda ekutshutshiseni ngokona kukhohlakeleyo ibandla likaThixo.

1:14 Nendlela endandiqhubela phambili ngayo kwinkolo yobuYuda, ndingaphaya lee koontanga bam kutshiseko lokugcina amasiko amanyange.

1:15 Iphupha lothando laphakade likaThixo landahlula esizalweni sikamama wam, ubabalo

lwakhe laba bubumna *(chazo lwam)***.** *(Igama u-**eudokeo**, lithetha uluvo lwakhe oluhle, elenziwe kakuhle lona uluvo. [Isizalo sikamama wam, umnombo wam wemvelo nobumna njengonyana ka-Benjamin] Igama u-**kaleo**, ukubiza okwesibini/ngefani, ukubiza ngegama.)*

1:16 Yintliziyo yeendaba ezimnandi endizivakalisayo le, zaqala ngotyhilo lobunyana kum, zandikhulula ukuvakalisa kwa obu bunyana kwintlaninge yeentlanga ezingengawo amaYuda. Zange ndive lungxamiseko kamsinya ukuthethathethana nabo babeqhelene noKrestu ngokoluvo lwembali.

*(Isibhalo sesiGrike siyibeke yacaca kakuhle: "Kwamkholisa uTata ukutyhila unyana wakhe kum ukuze ndimvakalise ezintlangeni!" Amagama u, **en emoi**, aguqulelwa ukuthi "kum," kunye no- **en ethnos** oguqulelwe njengo 'ezintlangeni' okanye kwintlaninge yabantu abangengo maYuda! Hayi "phakathi" kweeNtlanga nanjengoba iinguqulelo ezininzi zisitsho. Kwixesha eliphambili, xenikweni u-Bhanabhas ethunyelwe ukuya kuhlola inguquko yamaGrike kwi-Zenzo 11, endaweni yokuba azise ingxelo kubakhulu abaseJerusalem, ngokukhawuleza wafuna wafumana uPawulosi, esazi ukuba igospile kaPawulosi sisityhilelo semfihlakalo kaKrestu ezintlangeni [jonga Kolose 1:27]. Akumangazi nokufumana ukuba loo makholwa abizwa ukuba ngamaKrestu (fana noKrestu) okokuqala!)*

UYesu uyangqinisisa ukuba unyana womntu ngunyana kaThixo. "Sukubiza namnye emhlabeni ukuba ngutata

wakho, uTata wakho mnye, lowo usezulwini." [Matewu 23:9] UPawulosi ukhumbuza iinkunkqela zamaGrike kwiZenzo 17 ukuba siphila, sinyakaza kwaye sinobukho bethu kuThixo, uluntu ngenene yinzala kaThixo. Ucaphula 'kwimibhalo yabo, uAratus, owayephila kwiminyaka engamakhulu amathathu phambi kukaKrestu.300 BC. Imbewu engagugiyo yobunyana ikuwo wonke umntu njengembewu esele isemhlabeni, nkqu nasentlango, ilinde nje imvula ukuba iyivuse kwaye iphembe ubomi bayo!

"Njengemvula nekhephu zisehla ezulwini kwaye zimanzise umhlaba, ziwuvundise kwaye untshule, liyakubanjalo nelizwi lam eliphuma emlonyeni wam, aliyikuwudanisa umsebenzi wam, liyawunyakamisa umhlaba liwuhlumise untshule, endaweni yomqaqoba imisedare, endaweni yobobo imimirtile" [Isayas 55:8-11, 13]

Matewu 13:44, uYesu uthi, ubukumkani bamazulu bunjengetyesi efihlwe entsimini! Kuninzi oko kusentsimini kunoko kubonakala emehlweni! Kuma 2Korinte 4:4, 7, uPawulosi uthi sinayo letyesi kwizitya zodongwe! Kodwa uthixo weli hlabathi ufuna ukumfamekisa iingqondo zethu ngokungakholwa [ngokukholelwa ubuxoki ngathi ziqu, Numeri 13:33] ukusivala ekuboneni ukukhanya kweendaba ezimnandi ezityhila uzuko lukaThixo ebusweni bukaKrestu, lowo ungumfanekiso kaThixo, ngonge kusesipilini!

Xa uYesu ethetha ngomoni, uthetha ngaye njengemvu elahlekileyo, ukhozo (coin), okanye njengonyana. [Luka 15] Umbhalo kunye nomfanekiso zange zinyamalale

eqhosheni elo xenikweni lalilahlekile, simdumisa njani uThixo size kwangomlomo omnye siqalekise umntu owenziwe kumfanekiso wakhe? [James 3:9 kunye no Luka 20:20-26] Uluntu lulibele uhlobo lomntu elinguye ngokwakhiwa, umntu ngumthwali womfanekiso nomfuziselo womenzi wakhe, kuko kanye oku uYesu azele ukuhlangula.

Ngoku sinako ukumbona ngembuso eziveziweyo ngonge kusesipilini kwaye siguqulwe ngoko-nangoko [emqondweni wethu] sibe kumfuziselo wakhe. Sisuswa kuzuko[kuluvo]lwenyama siziswe kuzuko[kuluvo] lukaThixo. Inkolo yobucawa yophakamiso mthetho ibigcine isigqubuthelo sihleli, uvakaliso lwenyaniso ekhululayo yeendaba ezimnandi, luyasisusa isigqubuthelo! Intshontsho ledada elibi zange lidinge ukutshintshwa ubuso okanye izifundo zokuzenza kubomi bontamo-nde wedada! Ladinga nje ukwazi inyaniso ngalo ukuze likhululeke ngenene.)

1:17 Oku kuqonde gqo ezingcambini! Ngabom ndaziqelelanisa eJerusalem nakubafundi bakaYesu. Ndayokuwa lee e-Arabhiya phambi kokuba ndibuyele kwakho eDamasko. *(Ubunzima besi sityhilelo zange bundiphe thuba, endaweni yokukhangela ndiphicotha kabanzi ngoKrestu wasezimbalini, ndinqwenela ukumfumana nangakumbi apha kum! [Jonga na 2Korinte 5:16])*

1:18 Emveni kweminyaka emithathu ndayokufika eJerusalem, ndizekeleze ukubona uKefas. Ndaphela selendihlala naye iiveki ezimbini. *(Ngesi-Aramaic igama u- "lwalwa/litye" ngu-**kefas**, ize*

*ngesi-Grike ibe ngu-**petros**. Apha uPawulosi umbiza uPetros ngegama uKefas ngenjongo yokugxininisa intsingiselo yegama lakhe endaweni yesandi nje esiqhelekileyo kwigama uPetros. UYesu wathi isityhilelo sobuyena (sobuntu) bomntu benene kunye nemvelaphi yakhe yoqobo liliwa lesiseko se-**ekklesia** (ibandla) gama elo ngenene lithetha ubwena ngqangi/ qobo lwakho, lisuka ku-**ek**, osisihlanganisi esibonisa intsukaphi/uqobo lwemvelaphi **kaleo**, ukubiza okwesibini/ukucha ngefani. [Matewu 16:13-18; jonga no Isayas 51:1; Dithoronomi 32:18; 1 Petros 2:5 kunye 1 Kumkani 6:7])*

1:19 Ngeli xesha akhange ndibone namnye kubapostile ngaphandle koJames, ongumninawe kaYesu. *(USawule (Pawulosi), Petros (Kefas) noJames babesabelana ngesityhilelo esibaluleke kakhulu, bobathathu bafumanisa ingqangi yobubona (buntu) babo ngaphaya kokuzalwa kwabo kwasenyameni: "Simoni nyana kaYona, inyama negazi azikutyhilelanga oko, ukuba Mna nyana womntu ndingu-Krestu, nanjengoba ngoku usazi ukuba ndingubani na, ndivumele ndazise wena kuwe siqu! Ndithi ke unguLiwa [Matewu 16:17, 18]*

Ngexesha leminyaka emithathu yolungiselelo lukaYesu, akukho namnye kubaninawe bakhe owayekholelwa kuye. [Yohane 7:5]. Kodwa kuma 1Korinte 15:7, uPawulosi ngokukhethekileyo ukhankanya inyaniso yokuba uYesu wabonakala nakuJames emveni kovuko lwakhe. Ngesaquphe kwasa kuJames ukuba uTata wokukhanya walizala uluntu ngalo iLizwi laphakade lenyaniso, lizwi elo laba yinyama lafa ukufa kwabantu kwaye labavusa

kunye nalo ebutsheni bobomi kulo uvuko lalo. Nabani na olivayo eli lizwi ubona ubuso bokuzalwa kwakhe ngongekusesipilini! Nanjengokuba uPetros evuma ekuhambeni kwexesha ukuba, "Sazalwa ngokutsha xenikweni evuswa uYesu ekufeni!" [1Petros] ilizwi elo lalikho phambi kwexesha sisiqalo sethu. [James 1:17, 18, 23-24]

1:20 Andibhali oku ukunilobela kuyo nayiphi na into, kwaba ngolu hlobo ngenene ukuqala kwam ukushumayela ezi ndaba zimnandi.

1:21 Emveni kotyelelo lwam olufutshane eJerusalem, ndacangcatha imimango yaseSiriya kunye naseKilikiya.

1:22 Akukho nalinye ibandla kumaKrestu akwaYuda ebelindazi ubuso-ngobuso.

1:23 Babeve nje qha ulurhe lokuba lamchasi ukhohlakeleyo ngoku uvakalisa kanye kwale gospile ebephum'izithuba ukuyitshabalalisa.

1:24 Ke babona ukuba uThixo ubuvumile ubomi bam kwaye bamdumisa uThixo kum.

2:1 Kuyiminyaka elishumi elinesine ukusukela ngola tyelelo lwam lokuqala, ukuya kwam kumsebenzi okhethekileyo eJerusalem noBhanabhas, ngabom sathabatha uTito, *(... kuba wayengomnye wesiqhamo sethu sokuqala kwelamaGrike. Khumbula uBhanabhas wayethunyelwe ngamadoda amakhulu aseJerusalem ayokuhlola ulurhe ngokuphathelene namaGrike aguqukele elukholweni, endaweni yokuba abuyele kuwo eJerusalem ukuya kunika ingxelo kubaPostile abakhulu, wahamba ukuya kulanda uPawulosi, esazi isibabalo sakhe njengomfundisi kunye nesityhilelo sakhe semfihlakalo kaKrestu okuwe. [Kolose 1:26 kunye ne Zenzo 11:25,26])*

2:2 Ndandifuna ngokukhethekileyo iinkokeli zebandlaziveokondikufundisakwabobeeNtlanga njengesityhilelo sam kunye nolulodwa ugxininiso lwam lweendaba ezimnandi. Sagqiba ekubeni sihlanganele ngasese ukuthintela nayiphi na impikiswano esidlangalaleni eyayinothi ibekho. Ke babanokuzigwebela kakuhle ngokoluvo abami kulo, ukuba ngaba ulungiselelo lwam ndilumiselwe *(ndithunyiwe kusini)* **na okanye hayi.**

2:3 Umlingane wethu ongumGrike, uTito wasinda kugocagoco lolwaluko kwaye akazange anyanzelwe ukuba ayokujeca!

2:4 Madoda athile kumaYuda azifihlise "ngobuzalwane" achwechwile ukungena kuthi ngelokukhangela ukuba walukile na okanye akalukanga! Inkululeko yethu kuKrestu yabakhubekisa, ezi ntlola i-ajenda

yazo inye, kusikhobokisa kwimbophelelo yabo yophakamiso mthetho!

2:5 Sifuna ukunazisa ukuba sizinikele ngokupheleleyo ekugcineni iindaba ezimnandi zingangxengwanga ngenxa yenu, ukuba sasinokuthobisa nje kancinci umxakatho *(sihlis'iikawusi)* **ukukhawulelana noluvo lwabo, ihlabathi lonke leeNtlanga beliyakuva liqhathiwe! Sibona ikamva elilelo hlobo leendaba ezimnandi ezinyulu kuni.**

2:6 Iinkokheli *(ezaziwayo)* **eziphezulu ngesikhundla azibanga nanto yakongeza kumyalezo wam. Mandikutsho okokuba ubudala babo** *(ngeminyaka, ngesikhundla)* **khange bundoyikise nakancinci. UThixo akasebenzi ngembonakalo.** *(Ababalulekileyo nabangabalulekanga baphakanyiswe ngokulinganayo kukanjalo ke nokubathanda kwakhe [2 Korinte 5:14, 16])*

2:7 Koko ndithe ndabelana nabo ngako, baye bayivuma incakasana yomyalezo wam kwaye beva ukuba nanjengoba ulungiselelo lukaPetros lujolise ngakumbi kumaYuda, olwam lenzelwe kanye ihlabathi leeNtlanga!

2:8 Bavuma ukuba nanjengoba ulungiselelo lukaKefas lwalugunyaziswe nguThixo ukushumayela kumaYuda, owam umsebenzi yayikuvangela iiNtlanga.

2:9 Abo babizwa njengeentsika zebandla, uJames *(ongumninawe weNkosi) [Galati 1:19]),*

uKefas, noYohane basivuma isibabalo sam kuso isityhilelo somyalezo wobabalo, bayandisa intsikelelo yabo emsebenzini wam ngokusinika isandla sabo sokunene kubudlelwane babo. Lo gama babeqwalasele ekuguquleni amaYuda, bandazi njengendoda enomyalezo weeNtlanga.

2:10 Isicelo sabo saba sinye, ukuba senz'izinwe kumahlwempu phakathi kwabo, nto leyo sasisele siyithakazelele ukuyenza ngoba sasisele size silungise izipho. *(Zenzo 11:29, 30)*

2:11 Kodwa xenikweni uKefas etyelele eAntiyokhwe, kwafuneka ndimkhalimele ngenxa yohanahaniso lwakhe.

2:12 Ubudlelwane bakhe namakholwa angamaGrike bakhangeleka bunyanisekile, wadla nokundla nawo de kwafika iqela likaJames lisuka eJerusalem. Ukuthembakala kwakhe emthethweni kwaveza eyona mibala yako yenene. Unkwalambiso lwakhe laba lihlazo!

2:13 Ngenxa yesikhundla sakhe sobukhulu *(nkokheli)*, **namanye amakholwa angamaYuda arhuguleka kwelo hanahaniso lwakhe, de bakhukhula noBhanabhas! Elinjani lon'ihlazo!**

2:14 Utoliko lwabo lweendaba ezimnandi ngokucacileyo nje lathoty'umxakatho. Ndamelana naye uPetros esidlangalaleni ngale nto. "Emveni kwemiva yabalingane bakho unkwalambisa ukuphila njengeNtlanga ngongathi izithethe zakho zobuYuda aziseyomfuneko, ngoku

ngesaquphe ulukuhla lamakholwa eeNtlanga ngemithetho yobuYuda eyaphelelwa lixesha, kuba ufuna ukukholisa oogxa bakho bamaYuda!"

2:15 Isono asingomhloniphi wamntu! Isono sisono nokuba ungumYuda okanye oweNtlanga.

2:16 NanjengamaYuda bekufanele ukuba singabokuqala ukwazi ukuba akukho namnye oyakuzuza ubume bobumsulwa phambi koThixo ngeenzame zakhe *(ngokusebenza kwakhe- ubulungisa ayingomvuzo wesimilo esihle)* **ngokuphathelene nokufunwa nguMthetho. Kudala sabusukela ubulungisa iinkulungwane phantsi kwenkqubo yokuzenzela, kodwa ke salabalaba ngokulusizi. UYesu Krestu wambesa inkolo kaThixo ngokuphathele kubulungisa obuhlanguliweyo boluntu; esi sisona siseko qwaba sokukholwa kwethu. Nanjengamakholwa amaYuda, siyakwazi oku! Asikholekanga ukogqitha namnye umntu. UmYuda kunye noweNtlanga ngokufana baliwa ngokulinganayo ngumthetho, ngoku sigwetyelwe ngokulinganayo ngenxa kaYesu hayi ngasizathu simbi!** *(UPawulosi usebenzisa kule meko i- [objective Genetive] ukubonisa ukuba olu kholo lolukaThixo, nguye umnini kholo, "ukholo luka." "Ungumbhali nomgqibelelisi wokholo, okwakuko kokubini- umveli kuqaleka nomqukumbeli wokholo" [maHebhere. 12:2]; "kusuka elukholweni kusiya elukholweni" [maRoma 1:17]. Luqononondiseko lukaThixo kubulungisa bempumelelo yoNyana wakhe oluvusa ukholo emntwini." Roma 4:25)*

2:17 Kananjalo, ukuba ekufunzeleni kwethu ukufumana ubulungisa ngokholo koko uKrestu asenzele kona, siyafumanisa ukuba ukukhubeka *(ukubhuda)* **kusenzeka, sukuphinda ke ngoku uzityabeke uboni kwakho! Inyaniso yokuba wonile ayicimi umnqamlezo kaKrestu kwaye ingakuniki sizathu sokuba utyeshele ugwetyelo ngokholo ngonge uKrestu unokutyholwa ngophazamiseko lwakho! Iyakube bubuyatha obo!** *(Ngoku ngesaquphe ufuna ukugcina umthetho kwakhona ukwengeza ngakumbi ubulungisa bakho ngongathi uKrestu zange azuze ngokwaneleyo. Ungavumeli amava wakho akukhohlise ekuveliseni idoktrin/imfudiso entsha.)*

2:18 Ngumaqhingashe qwaba onokuzama ukuba yindod'omthetho kunye nomntu wobabalo ngaxesha-nye!

2:19 Umthetho wabanga ukufa kwam; ubabalo lutyhila ukuba engqondweni kaThixo uYesu wakufa oko kufa. Ngoko ke ngakuwo umthetho ndingofileyo, kodwa kuye uThixo ndingophilayo *(Igama u-* ***dia*** *lithetha ukuthi ngenxa: ukubonisa ukuba umthetho waba koko kwakubanga ukufa kwam! Kodwa kwimfihlakalo yobukrele-krele bukaThixo, uYesu wafa ukufa koluntu, nto leyo ithetha ukuba kwinkolo kaThixo ndafa kundalashe wenkqubo yokuzama ukumkholisa ngesimilo sam esihle! Singasele sivuma apha: Iinkolo zethu ezinyanisekileyo kunye namalinge wethu abalaseleyo ekuzuzeni ubulungisa* 'bokuzikha zonke' *lonk'ixesha, zijwaphilizile! Jonga amaRoma isahluko 7 apha kwiMirror Bhayibhile.)*

2:20 Ndinguye lo ke ndifile kwaye ndiphila ngaxesha-nye! Ndifile kula mntu umdala ndandizama ukuba nguye, ngoku ndiphila kowenene onguKrestu okum! Ndabethelelwa kunye, ngoku ndiphila kunye! Owu! Obo buqaqawuli bopaneko! Ndaba kuye ekufeni kwakhe; ngoku ndifumanisa ukuba wombelwe kum apha, ebomini bam! Okokuqala ndikhululekile ukuba ndim esikhumbeni sam, ndintywiliseleke elukholweni lwakhe kubunyana bethu obunye! Uyandithanda kwaye ekholelwa kum apha! Usisipho sikaThixo kum!

2:21 Sisonyeliso elubabalweni lukaThixo ukukhetha uMozisi kunoYesu! Ukuba umthetho ubunako ukugwebela ke uYesu ufane wachitha nje ixesha lakhe ngokufa ukufa kwakho! *(Oko kunokuhlisela intsindiso kumyhadala oyintlekisa phakathi kokuthobela kwakho nokuthobela kukaKrestu [maRoma 5:19)]*

3:1 MaGalati! MaGalatindini! Nilahlekwe tu yingqondo yenu kusini na? Aniboni na uhlobo umthetho anithakathe ngalo, kwaye wamfamekisa umbono wenu ukugqwetha isityhilelo soko umnqamlezo kaKrestu wakuphumelelayo kuni? Kwakutshiwo nje oku ngokucacileyo esibhalweni kwinx'engaphambili. Kungani na ukuba ningoyiseki yinyaniso? *(Zange afe njengoyedwa, wafa ukufa kwakho! [Isayas 53:4, 5])*

3:2 Khanincede nizathuze nam kulo mba, Nawamkela njani uMoya? Ngaba sithetha isipho okanye umvuzo apha? Loluphi uhlobo lomyalezo oluphemba ukholo?

Onjani yena omoni ogwetyiweyo nomlabalabi onguye ngokutyhilwe emthethweni, okanye kokuphi okukholelwa nguThixo kuyinyaniso ngawe nanjengoba kutyhiliwe kwiindaba ezimnandi? Masingaphambanisi uMthetho noBabalo.

3:3 Niyabona ukuba inokuba bubutyhakala kanjani into yokuqala emoyeni, *(ekukholelweni kwimpumelelo yomnqamlezo)* **kuze ngesizathu sobuyatha kutshintshw'izihlalo kubuyelwe ku-ZWN kwakho! Ngongathi imisebenzi yakho ibinokwengeza nto koko uThixo selewakugqibayo kuKrestu.** *([ZWN-Zenzele Wena Ngokwakho.] Kuya kube kukuzibulalal! Ku nqwa nokutsiba ngabom enqanaweni uzame ukudadela enxwemeni ucand'ulwandle! Mibini imithi: umthi ka-ZWN okanye umthi woBomi. Imele imithetho emibini*

okanye iinkqubo ezimbini: umthetho wemisebenzi kunye nomthetho wokholo, omnye ubonisa oko umele ukwenza ukuze uzokuba 'ngu' okanye 'yi.' Owenene umthi utyhila ukuba ungubani na ngohlangulo lwengqaleko yakho. Ngenxa yomthi i-Khalvari sikhululekile ukuba sibe…, kho! U-Moya= ukholo, inyama=imisebenzi)

3:4 Khumbulani enakuvayo ekudibaneni kwenu okokuqala nokholo, ngaba nikulungele ukutshintshisa oko ngenimba yenkolo yobucawa? Zonke iindawo ebenizibambile niyakuphulukana nazo. *(Umthetho awulugqibezeli ukholo, uyaluphuthisa.)*

3:5 Ungakubalela oko ukufumene kuThixo kwinto oyenzileyo okanye kwinto oyivileyo? Ngaba uThixo univuzele umgangatho ophakamileyo wesimilo xenikweni esebenza imiqondiso yamandla kuni nokuthulula uMoya wakhe phezu kwenu, okanye mhlawumbi ibinento yokwenza nokuqulathwe sisityhilelo somyalezo wobabalo enawuvayo? Ukholo yintloko yomthombo wesenzo sikaThixo endaweni yabantu, ukuva kwethu ngumbhobho woko kutyhilwa lukholo lukaThixo.

3:6 U-Abraham wayengenabango lumbi ebulungiseni, kodwa kwaba kukholelwa nje oko uThixo wakuvakalisayo ngokuphathelene naye! U-Isake waqinisekisa ukholo lukaThixo, hayi iinzame zika-Abraham. Koku esinako ngokufana ku-Abraham. *(Ubulungisa butyhila ukholo lukaThixo njengelinoxanduva kusindiso lomntu ngokunxamnye lee kwisenzo somntu sokugcina imithetho yenkcubeko similo!)*

3:7 Uqukumbelo lucacile, ukholo hayi inyama lusalamanisa noAbraham! *(Ubabalo endaweni*

yomthetho ngumnombo wethu wenene. U-Ishmayeli umele okungaphaya kwenkolo yamaMozlem/Silamsi. U-Ishmayeli ubonisa/mele iinzame ezingefezi nto zenyama (imisebenzi/amandla enyama) ekukhuphisaneni nokholo, ukwamela intshumayelo eyingxubevange yomgxunya womxube womyalezo womthetho nobabalo.)

3:8 Isibhalo siyashicilela ngokuprofetayo ukuba inyambalala yeentlanga engengomaYuda iyakugwetyelwa ngokholo, hayi ngokugcina imithetho yenkcubeko similo. Esi saziso senziwa nguThixo ku-Abraham ziindaba ezimnandi phambi kwexesha. UThixo wabona zonke iintlanga zibandakanywe kwakulo mfundiso inye yokholo, olo u-Abraham waba nguvulindlela walo. "Kuwe zonke iintlanga zehlabathi ngokulingana zimelwe kwintsikelelo yokholo." *([Genesisi 22:17] Ngenene ndiyakukusikelela kwaye ndiyandise imbewu yakho njengeenkwenkwezi zezulu kunye nentlabathi yonkxweme lolwandle. Imbewu yakho iyakuthimba amasango eentshaba zayo, Gen 22:18 kwaye ngembewu yakho zonke iintlanga zomhlaba ziya kuzisikelela ngayo. Ubulungisa ngokholo sisityhilelo seendaba ezimnandi, [amaRoma 1:17 kunye no Habhakuk 2:4] "ilungisa liyakuphila ngokholo (loThixo walo)" Ubulungisa ngokholo buchaza ubomi bakho!)*

3:9 Nanjengoba wenza njalo uAbraham nathi ngokunjalo sifumana ngoku intloko yomthombo yethu kwintsikelelo yokholo.

3:10 Ngobunxamnye ubucacileyo elukholweni, umthetho ligunya lesiqalekiso. Nanjengoba

kubhaliwe, "Uqalekisiwe wonke lowo ungakuzondeleliyo ukuzithobela zonke iindawo ezisencwadini yomthetho." *(Dithoronomi 27:26)*

3:11 U-Habhakkuk uyaqinisekisa ngokush-wankathelayo ukuba ubulungisa ngokholo lukaThixo sisona siseko qwaba ebomini, oku kuqhawula naluphi na ugwetyelo phambi koThixo olunothi luphathele kwisimilo esichubekileyo *(Habhakuk 2:4, 3:17-19)*

3:12 Umthetho nokholo azinanto yakufana! Umthetho ulinganisa okwenza komntu namava wakhe njengokuchaza ubomi bakhe. *(Ukholo lulinganisa ukwenza kukaThixo ekuhlanguleni ingqaleko yakhe kuthi, njengokuchaza ubomi bethu.)*

3:13 UKrestu wasihlangula kuso isiqalekiso njengesiphumo solabalabo lwethu ekugcineni umthetho. Kuwo umnqamlezo wakhe wacudisela sonke isiqalekiso soluntu phezu kwakhe. Ekuzinikeleni kwakhe ekufeni, wafunxela kwaye wanyibilikisa ububi bokoyikeka kwesiqalekiso ebuntwini bakhe. Isibhalo siyavakalisa ukuba nabani na oxhonywe emthini wambath'isiqalekiso. *(Dithoronomi 21:23)*

3:14 Esi senzo sikaKrestu sakhulula intsikelelo ka-Abraham phezu kweeNtlanga! Ngoku sikhululekile ukwamkela intsikelelo yoMoya. *(Ubulungisa ngokholo lukaThixo kuzuzo lukaKrestu, hayi njengomvuzo ekuziphatheni kwethu. Ekuthobeleni kukaKrestu uDithoronomi 28 waphelelwa lixesha!*

[amaRoma 5:19, Efese 1:3] INtlaninge yeentlanga ezingengomaYuda ibandakanywe ngokulinganayo)

3:15 Siqhelene nenyaniso yokuba kwimicimbi yoluntu umnqophis'ogqityiweyo xa uvuywe-ngokuqinisekiswa, ugunyazisiwe kwaye awusayi kujikwa exesheni.

3:16 Kukushicilelo ukuba isithembiso *(sentsikelelo yobulungisa ngokholo)* **senziwa ku-Abraham nembewu yakhe, isinye,** *(ke kungabalelwanga zinzame zakhe zokuvelisa u-Ishmayeli.)* **U-Isake, umntwana wesithembiso hayi wenyama ubonisa uMesiya.**

3:17 Nal'uqiqo lwam: uThixo wavuma-ngokuqinisekisa umnqophiso wesithembiso kuKrestu kwiminyaka engamakhulu amane anamashumi amathathu phambi kokunikelwa komthetho. Umthetho awuzange ekuhambeni kwexesha uthabathe indawo yesithembiso! *(Uhlobo lukaThixo ekugwebeleni uluntu luyakusoloko lungokholo esithembisweni sakhe, kwaye soze kube ngamandla alo okugcina imithetho yokuziphatha (qoqosho lwesimilo)*

3:18 Umthetho nesithembiso azihambelani, enye iyayiphuthisa enye. UThixo ubabala uAbraham ngobundlalifa ngesithembiso *(hayi ngomvuzo kwisimilo sakhe.)*

3:19 Yintoni ke umsebenzi womthetho? Umthetho wawunceda wena nanjengoba wawumiswe njengentonga esisibuko yokulinganisa ***[mirro-measuring rod]*** **kwaye usisilungiso nje esingunozakuzaku ukwenza abantu bazi ngeencam**

sokuphuma kwabo kwimvano yobomi bengqaleko yabo, kwangaxesha-nye ubakhombe kuso isithembiso soMhlanguli, imbewu yobuMesiya! Wanikelwa zizithunywa kuMozisi. *UPawulosi usebenzisa igama u-* ***charin*** *apha- uThixo wasibabala ngomthetho njengesibuko-esisikhumbuzi sobuthina bethu ngqangi! Igama u-* ***prostithemi****, uthetha ukubekwa/miswa ebusweni boko/balowo njengesibuko. Igama u-****parabasis*** *lixela umgangatho, intonga yokulinganisa; vela ku-****para*** *ukuba kufuphi &* ***basis*** *umzila wonyawo; ngoko ke kuqathaniswa nebanga lomthetho, ukuphuma kwabantu kwimvano yemvelo ngqangi yabo kwaba selubala.*

3:20 Ku-Abraham kwakungekho uzakuzayo, kwakunguThixo nje! *(Oko sele kubeka isithembiso kwelahlukileyo inqanaba emthethweni, siphakamile isithembiso kunomthetho. Umthetho kaMozisi wawudinga abameli kuba yayilulungiso apho uluntu lwalunenxaxheba/ndima kwaye noThixo enenxaxheba. Indima yoluntu yayikuthobela imimiselo ize ekaThixo indima ibe kulisikelela. Umnqophiso kaThixo kuAbraham yayingumnqophiso wobabalo, emntwini uYesu Krestu uThixo wayeza kuzalisekisa indima yomntu kungako kungazange kudingeke mmeli.)*

3:21 Hayi, umthetho awuchasenanga nesithembiso sikaThixo, ugxininisa ngamandla isidingo soMhlanguli ukukhulula ubulungisa emntwini njengobomi bakhe, nto leyo umthetho ubungenamandla wayo! Ukuba kwakunokwenzeka ukuba umntu agwetyelwe ngomthetho, isithembiso besingazukuba yimfuneko. *("Ukuba naluphi na*

uhlobo lokugcina umthetho belinamandla wokudala ubomi kuthi, ngeba sele sibufumene ngeli xesha." — The Message.

AmaRoman 5:6 "Ixesha likaThixo laliqqibelele kanye, uluntu lalikokona kwephuka xenikweni uKrestu esifa ukufa kwalo—sasimbacuzekile kwiinzame zethu ukuba sizisindise ngokwethu.")

3:22 Isibhalo siyashwankathela ukuba lonke uluntu akho ukhutshwa ngaphandle likwingxingo enye ngokufana, likhonkxwe esonweni, ngoku ukholo luza nesithembiso sokhululo langoko-nangoko esifikelelwa ngabo bonke! UYesu Krestu wenza kwenzeke kubo bonke ukuba bakholwe oko uThixo akukholelwayo mayela nobulungisa kunye nobumsulwa babo obabuyiselwayo. *(UYesu ululwambeso lokholo lukaThixo emntwini. Ubulungisa bukaThixo ngoku bukuboniso ngeyona ndlela ukuze bonke bakholwe, akukhathaliseke nokuba bangobani na, akukho mahluko. Kwale ntlaninge yoluntu yayihliselwe kubuntu obuhlelelekileyo ngaso isono sayo, ngoku ibabalwe ngokhululo ngentlawulelo ebhatalwe nguYesu Krestu ngenxa yenkululeko yalo. [AmaRom 3:22-24])*

3:23 Sasibotshwe kuwo umthetho, sibanjwe eluvalelweni lwempembelelo yawo ethintelayo de kwafika isityhilelo sokholo ukuza kusihlangula!

3:24 Umthetho wawusebenza njengekhoboka elalityunjelwe ukuba libe ngunogada wabantwana benkosi yalo, de bafikelele ebakaleni *(eminyakeni)* **lokuya kwisikolo esibalungeleyo sikaKrestu,**

bafumane elukholweni lwabo ubulungisa babo butyhiliwe kwaye buvuywe-ngokuqinisekiswa.

3:25 Nanjengoba ngoku selesifikile apho besisiya khona, amaphawu endlela ebeprofeta kunye nemixeli-mendo awasenamsebenzi kwakho. Ukholo luthabathe indawo yoMgcini *(unogada).* **Lufikile nje ngoku ukholo umthetho awuseloncedo**. *(Ngoba akusekho mfuneko yawo).*

3:26 Oko uYesu akholelwa kuko kuyinyani ngawe sisiqinisekiso samanqam sobunyana bomntu buhlangulwe! Ukholo lwakhe sisingqiniso qwaba esisebenzayo enkolweni yakho!

3:27 Ukuntywiliseka kuKrestu kukunxitywa ngokupheleleyo nguye! Uyiwodrobhi yakho entsha kraca engqinisisa ubunyana bakho! *(Ukususela ngoku iintsuku 'zezishubelo' ziphelile! "Ubulungisa bethu obuhamba neenzame zethu zokugcina umthetho bufana kanye namadlavu amdaka!" [Isayas 64:6])*

3:28 Akukho nto ifana nobekuchaza ubuwena bakho bangaphambili njengomYuda okanye oweNtlanga, ikhoboka, okhululekileyo, ndoda okanye mfazi, Billabong okanye Gucci, ngoku nonke nichazwe ebunyeni noKrestu! Uyimbaluleko yakho kwaye ukwenza ube ngokhethekileyo!

3:29 Kuba uKrestu eyimbewu yesithembiso, ke kusekubeni sazi umanyano lwethu naye *(ebunyameni)* **ukuze sibe silamene ngokulinganayo ku-Abraham kunye neendlalifa zesithembiso. Ukholo hayi inyama lwalamanisa kuAbraham.** *(Sifuza ubulungisa bakhe kwangokholo olunye!)*

4:1 Indlalifa engumntwana ayinanto ingaphaya yakuthetha ngaphezu kwekhoboka, nangona ingumnini nto zonke! *(Eyona nto ingamandla umthetho ubungayo kungqinisisa ubukhoboka bomntu kwisono.)*

4:2 Iyakuhlala phantsi koluleko lasekhayeni nakwimithetho yendlu, de kufike loo mhla umiswe nguyise wokumamkela ngokusesikweni kwibakala lobunyana.

4:3 Kwakunjena kanye nakuthi, sasithinjwe njengoba kwakunjalo ebuntwaneni sibotshwe kweso simo ngomthetho. *(Ingqondo ehlelelekileyo ngesizathu sokuwa kuka-Adam.)*

4:4 Kodwa ke, gede, kwasa, lazaliseka elona shwankathelo lwexesha! *(Yonke into eyayitshiwo yaqukunjelwa kuKrestu!)* **Wafik'unyana, eyalelwe nguy'uTata, engena kuwo lo mhlaba ngepas'elivunyiweyo- isizalo sikanina. Kanye kuwo umzimba womntu otwatse nowethu, wabuphila obakhe ubomi nay' ephantsi kolungqongqo ugocagoco lawo umthetho.**

4:5 Umyalelo wakhe ogunyazisiweyo yayikuhlangula uluntu kumgaqo-nkqubo womthetho wokusebenza nokwazisa isityhilelo sobunyana babo kuye uThixo.

(Ngoku imo yethu yenene yobunyana iphinde yaziwa kwakho! [Yohane 1:12; jonga u Yohane 1:11-14] "Kwakungeba wafikela kwangalaziyo ihlabathi, weza kokwakhe, ze okwakhe akwamazi [iNdum24: 1] Bonke abo baqonda (babona) unxulumano lwabo kuye,

besoyisekile ukuba ububomi ngqangi babo kwaye igama lakhe liyabachaza, kubo uvuma-ngokuqinisekisa inyaniso yokuba ngenene bayinzala yakhe bezelwe nguye nje. Ugunyazisa ubunyana babo ngokuzalwa ngokusesikweni nangokusemthethweni. Aba ngaba bafumanisa ukuqaleka kwabo kuThixo ngaphaya kokuzalwa ngokwasenyameni! Umntu waqala kuThixo. Asiyomveliso yabazali bethu!

1:14 Ngesaquphe uLizwi kanaphakade wombath'isimo esibonakalayo! Wabayinyama! Kuye, kwaye ngoku engqinisiswa kuthi! Olona lubonakaliso lubambeka ncakasana lwengcinga yaphakade kaThixo lufumana uveliso kubomi bomntu! ULizwi waba ngumntu, siyidilesi yakhe, uhlala kuthi! Uqwalaselo lwethu ulitsalile! Uzuko esilibonayo apho aliyonto angeyiyo yenkolo yobucawa; ungowenene ngokuzalwa ***Monogenes*** *okuphela kozelwe nguTata. Kuye siqonda ukuqaleka kwethu kwenyaniso). Uzuko (olaphulukana no-Adam) lubuyela ngokugwceleyo! Lubabalo kuphela olunakunxibelela inyaniso kuwona mxholo unje ukufezeka!*

4:6 Ukutywina ubunyana bethu uThixo uyalele uMoya wobunyana ukuba adum'i ntlokomo ka-Tata *(Abba)* **ezintliziyweni zethu, kwaye ngoku, kumbindi wengaphakathi lethu simazi kwakho njengowenyaniso nothandekayo uTata.** *(Ubomi ngqangi bukaTata obutyhilwe kunyana wakhe, bubomi ngoku uMoya abubhexeshayo kuthi ngaphakathi. [AmaRoma 8:14] Ubukhoboka lelona tshintshwano lakha lahleleleka ebunyaneni! Ziyaphikisana, enye ikhokhela ngetshova ngalo uloyiko, ze bona ubunyana busabele ngobubele (thando) ku-Abba Tata. [AmaRoma 8:15] UMoya wakhe uhlokoma emoyeni wethu ukuqinisekisa*

inyaniso yokuba sivela kuThixo. [AmaRoma 8:16] Kuba siyinzala yakhe, sikulungele ukuba zindlalifa, uThixo buqu bakhe sisabelo sethu, sizindlalifa kunye noKrestu. [AmaRoma 8:17])

4:7 Niyabona ukuba inokuba bubuyatha kanjani na into yokuba unyana aqhubeke nokuphila ubomi bakhe ngengqondo yobukhoboka? Ubunyana bakho buyakuvuma uthabathe inxaxheba ngoko-nangoko kuyo yonke indyebo yelifa likaThixo elilelakho ngenxa kaKrestu. *(Uphakamiso lomthetho kuko konke ukuzifihlisa kwako kuyaphikisana nobunyana! Ubunyana abuthengiswa!)*

4:8 Okundimangazayo ngokwenene kutshiniza kwenu makholwa eeNtlanga, ngokuthi niziphingelise kwakho ngezithethe ezicinezelayo zamaYuda! Ndiba nazi konke ngeentsuku zenu zangaphambili zobukhoboka koothixo abaqingqwe ngengqodo phantsi kweenkolo zenu zobuhedeni.

4:9 Kulo gama, nize nazana noThixo wenene (*ongafaniyo nalowo wenu ubunjwe ngeengcamango),* **okona kubalulekileyo kananjalo, kufumanisa ukuba kudala enazi lonke eli xesha! Emveni kwayo yonke le nto, kwenze njani ngoku ukuba nizive nitsalekela kwakho kwiimfundiso ezidal'usizi** *(eziphul'intliziyo)* **zenkolo yokhohliso yobucawa? Akukhathaliseke nokuba luza luzifihlise ngantoni na uphakamiso lomthetho, nokuba ngobuhedeni okanye ngobuYuda, luzisa imbophelelo** *(ubukhoboka)* **qha ngokufana.**

4:10 Ngesaquphe kukho iintsuku ezikhethekileyo, iinyanga, amaxesha athile, noonyaka bemigidi ebhiyozelwa ngenyameko, oku okuyo nto ngaphezu kokuba kuzinkolelo kunye nenimba yobucawa benkolo.

4:11 Ndixhalabile ngoba intshisakalo yam yonke kubonakala ngathi ibe yinkcitho kuni!

4:12 Ndiyanibongoza ukuba nixelise mna *(ekugwebekeni kwam yinyaniso yokuba amasiko obuYuda kunye neenimba yezithunzi zawo zaphelelwa lixesha kudala!).* **Sisemkhombeni omnye ngqo, ngenene akungam, kungani!** *(Apho sivela khona nokuba singamaYuda okanye iiNtlanga akwenzi mahluko konke-konke! Andikho sekubeni ndiphumelele okanye ndiphulukane neevoti kulungiselelo lwam okanye mna siqu! Zezi ndaba zimnandi ixhala nongxamiseko lwam!)*

4:13 Andizange ndahlisa mxakatho *("never compromised")* **ngeendaba ezimnandi, ukusukela kusuku lokuqala ekudibaneni kwam nani, nangona ndacelwa kanobom umngeni ngokwasenyameni ngelo xesha, oko zange kuphazamise kumyalezo.**

4:14 Khumbulani indlela enandamkela ngayo nindivela kwimeko yam eyayinkenenkene *(ebuthathakeni bam!)* **Endaweni yokuba nizive nihlazekile okanye nindibhebhethe nandiphatha ngokwengelosi, kanye ngentlonelo ebe ninokuyibonakalisa kuYesu Krestu.**

4:15 Ngela xesha umbulelo wawunigubungele ngam ngonge naninokundinika nivuya okona kuxabiseke kakhulu kuni, nditsho nkqu namehlo lawo enu, ukundinika isantshula ezintlungwini zam. Obunjani bona ukuthamba ububele enabubonakalisayo!

4:16 Maye-e! Kwenzeka njani na ngoku ukuba kwale nyaniso yandidibanisa nani indijike ngoku ndibe lutshaba lwenu?

4:17 Aba bantu bandenza ndibe lutshaba lwenu asijongo yabo ukuninceda: batshiseka ekuniqelelaniseni nam khon'ukuze inzondelelo yenu kwiinimba zabo zobuYuda ibe nokomeleza bona iziqu kubucawa babo benkolo! *(Aniyiboni nina loo nto, umthetho nabalandeli bawo abanithandeli nina, umnqweno wabo ngowabo bona ziqu/banifunela kubo qha!)*

4:18 Ukuba nifuna ukuba nenzondelelo yeyona nto, yibani nenzondelelo ngobabalo. Nizikhohlisa nina ziqu ukuba ngabalungileyo kum xa ndinani, kodwa nibengabatshisekayo kubo emveni kwam! Aku ngam, ndinekhwele ngani! Ngumyalezo eyona nqambuzane, hayi ii-ajenda zabantu zasekhusini!

4:19 Bantwana bam abathandekayo, ikhwele lam ngani linofaniswa kanye kumama ngomntwana wakhe osandula ukuzalwa! Ndanizala kuqala ngegospile yam, ngoku ndiva kwa ezantlungu kwakhona.

Ndikwinimba yokuba ukuqonda okupheleleyo kukaKrestu kubunjwe kuni ngaphakathi! *(Igama u-**morpho**, lithetha ukumilisa/ukubumba suka ku-**meros**, isimo okanye isabelo, qhaphela igama eliguqulelwe 'isono' **hameros** ukuba ngaphandle kwesimo okanye ngaphandle kwemfanelo esisabelo sakho, **metamorpho**, kunye nesimo.)*

4:20 Ndinqwenela ukuba lapho nani ngawo lo mzuzu, ndifuna nive ungxamiseko oluselizwini lam! Sengathi ndinganoyisela ekubeni nazi ukuba umthetho yindlela engaphumeli ndawo! *(Nayiphi na inzame (mandl'akho) yakho yokongeza koko uThixo selekugqibelelisile kuwe kuKrestu yinkcitha xesha! Kunqwa nokuzama ukulungisa ivili eliphele tu.)*

4:21 Xa ke kucac'ukuba nitsalwe umdla ngumthetho, ndicela niqonde umyalezo wawo wesiprofeto:

4:22 Umthetho ushicilela inyaniso yokuba uAbraham wayenoonyana ababini: omnye kwikhobokazana, lo gama omnye kumfazi okhululekileyo.

4:23 Omnye lo uveliswe yinyama *(umthi ka-ZWN)*, **omnye wazalwa ngokholo** *(ngesithembiso).*

4:24 Khon'unxuswano lwentsingiselo kweli bali laba nyana babini: bamele iinkqubo ezimbini, imisebenzi nobabalo.

4:25 I-Sinayi yintaba ekwelaseArabhiya ethiywe emveni koHagare, *(ngaphandle kwelizwe lesithembiso).* **Unxulumano layo nomthetho kaMozisi lubonisa iJerusalem njengekomkhulu**

lophakamiso mthetho wamaYuda. U-Hagare ngumama womthetho wemisebenzi.

4:26 Kodwa umama uvela phezula, oyena wenene umama woluntu lubabalo, iJerusalem ekhululekileyo, ngumama wesithembiso.

4:27 Kubhaliwe, "Vuya wena ulidlolo! Memelela ngemincili! Nangona ungazange uyazi inimba ngaphambili, abantwana bakho bayakwedlula lowo utshate *(nomthetho!)*

4:28 Thina sinjengo Isake: sizelwe lukholo, isithembiso ngumzali wethu.

4:29 Kanye njengoba umntwana wenyama wamtshutshisayo lowo wokholo, ngoku lamaYuda aseJerusalem azifihlisileyo ngobuKrestu afuna ukunihlukumeza,

4:30 kananjalo, isibhalo sicacile: "Gxotha ikhobokazana nonyana walo, unyan'olikhoboka akanakudla ilifa nalowo ukhululekileyo." *(Kanye ngale ndlela, susan'ezingcambini iingqondo zenu kwikhobokazana nakwingqondo yobuntwana. Ukukhanya kuyabugxotha ubumnyama nje ngokulula (ngaphandle kokuqobeka).*

4:31 Yazini ukuba singabantwana baka bani na bazalwane: asingabo oonyana bekhobokazana, umthetho, singoonyana bobabalo!

5:1 UKrestu uchaza ukholo lwakho, uyinkululeko yakho kuyo nantoni na umthetho ubugenakukhulula kuyo! Lufumane unyawo lwakho ngokuthe nkqi kule nkululeko. Ungavumeli inkolo yobucawa ikukhubekise kwakho kwaye ikuxwayise inkqubo yemithetho nezinyanzeliso! *(Kolu nxuswano, uKrestu umele uSara, umama-wokholo owakuzala eluvukweni. Ingcwaba elixholwe elityeni/eliweni limele isizalo esifileyo sikaSara! [1 Petros 1:3])*

5:2 Mna, Pawulosi, ndimi kolu luvo, kwaye ungandicaphula: ukuba ngaba kwakhona niyalubalela ulwaluko njengemfuneko kumnyinyiva wobume benu phambi koThixo, ke uKrestu nimenza angabi loncedo kuni. Ningasele nimcima kubomi benu angabikho mmo-mmo! *(Ukuqhubeka nokubambelela nakuliphi na igugu lobuYuda njengogcina iSabatha, njalo njalo, iziphumo zikwanye.)*

5:3 Mandiyitsho ze, ukuba uphakamisa *(uvuma)* **ulwaluko, ngoko-nangoko uyanyanzeleka ukuba uwugcine wonke umthetho!** *(Ukuba uyangena ngepeni, ngena nangeponti!)*

5:4 Ubulungisa bomthetho abunanto yakufana nobulungisa bobabalo, buchasene. Nanjengoba kungenakwenzeka kuye namnye ukuhamba kumacala amabini ahlukeneyo ngaxesha-nye, akaloncedo ke ngokulingana noKrestu kuye namnye uqhubeka nokufuna ubulungisa phantsi komthetho.

5:5 Singqibile ezingqondo zethu, akukho nzuzo tu kuye namnye ofuna ubulungisa enyameni, ubulungisa bubukho bebakala lo moya kwaye bunokwangiwa ngokholo qwaba. Oko kukholelwa nguThixo sisona singqiniso sethu qha. *(Nayiphi na enye indawo yobulungisa ishiya umntu elabalaba ngokungenathemba. Igama u-* ***apekdochomai****, njalo liguqulelwa, ukulinda. Kambe zona iikhomponenti zalo zalatha kulwango olukholekileyo;* ***apo****-vela okanye ngokusuka,* ***ek****, ukuphuma koko, &* ***dechomai*** *ukubamba, ukwamkela ngobubele, ukwanga.)*

5:6 UThixo ukholelwa ukuba simelwe ngokupheleleyo kuKrestu, nto leyo ilucima tu ulwaluko okanye naliphi na igalelo lenyama ekubalelweni. Uthando ngamavili okholo. *(Kulula ukuba uthando lukholwe!)*

5:7 Niqale kanye njengembaleki isemsebenzini, niphazanyiswe ngubani? Benikhangeleka niqononondisekile gqibi yinyaniso nje!

5:8 UThixo akadidekanga ngani. Unibize ngefani!

5:9 Akwenzeki ukufihla isiphumo salo nelincikane igwele, ubiliso lithabath'indawo ngoko-nangoko. *(Intwananyana nje yophakamiso mthetho ingcolisa ubomi bomntu bonke.)*

5:10 Nakubeni bengenelela nje abo bantu "bomthethw'ecawa," ndihlala ndiqinisekile ngokuba ngqondo *(fanayo)* **nye kwethu eNkosini. Akukhathaliseke nokuba ubani uhlala kwesiphakame kangakanani na isikhundla, ungavumeli iitayitile zabo zikuphithikeze!**

Kwalo mthetho bawuphakamisayo uza kuba ngumgwebi wabo! *(Ubiliso alinqandeki xa kusekho ingqondo ethwe yiba ngumthetho.)*

5:11 Ndingahlis'umxakatho kulo myalezo womnqamlezo kwaye ndishumayele ulwaluko ukuthintela nje utshutshiso!

Ingakokunjani ukuphambana oko? *(Konke ke oku kubuyela kwinto yokucinga ukuba ubulungisa sisiphumo sento esalindeleke ukuba umntu ayenze, okanye kukwazi ukuba sisiphumo sento uThixo asele eyenzile!)*

5:12 Aba bantu batshisekayo ekujeceni izinto zingabikho, mabagece waca impembelelo le yomthetho ezimpilweni zenu!

5:13 Ubuwena bakho obuhlanguliweyo buchaza inkululeko yakho, bazalwana bam! Kodwa inkululeko ayithethi ukuthi ngoku ukhululeke ukuba usebenzise umthetho kwakho. Ebunxamnyeni, inkululeko yakho ifumana elona veliso layo lifezekileyo eluthandweni ulukhonzanayo! Nikhululeke ninjalo ke emthethweni, kukanjalo ke nokubopheleleka kwenu ngoku eluthandweni! *(Ekugqibeleni nikhululekile ukuba niphile ubomi ngqangi bengqaleko yenu.)*

5:14 Uthando seleluwuzalisekisile umthetho: le yingxam yomthetho, ukuxabisa omnye umntu ngokulingana nawe siqu. *(Nto leyo yangqinwa kukungakwazeki ukwenzeka izihlandlo-ngezihlandlo ekusebenziseni imfundiso yomthi ka-ZWN.)*

5:15 Ezona nzame zibalaseleyo phantsi kwengqondo ethwe yiba ngumthetho exesheni okanye kwamsinya ziphela ingumlo: ukuhleba, ukuchithana, ukudlana nokuqwengana. *(Ibembi ke ngoku! Bona indlela iyantlukwano etshabalalise ngayo amaphupha othando abo bebenxulumene ngeshishini besilwana kwindlu yomthetho, gqala indlela obungabi yonto ngayo ubomi emfazweni!)*

5:16 Ndiyaqukumbela: vumelani umoya ube yimpembelelo ephethe ngobukhosi kwihambo yenu yemihla-ngemihla kwaye nibone uhlobo oyisa ngalo iinkanuko zenyama. *(UMoya woneliswa ngumthetho wothando, isityhilelo sobabalo, inyama ikhanuka ukubonisa kunye nokuzaneza yona ngomthetho ka-ZWN. Ukholo luyayoyisa inyama.)*

5:17 Lo gama umthetho wemisebenzi usabhaqeka engqondweni yakho, sisizekabani sentlekele: ubambek'embindini wedabi lemfazwe, ufuna ukwenza izinto onqwenela ukuzenza ngokwengqaleko, kodwa ufumana inyama imelana ngamandla noko kunqwenelwa ngumoya: *(Imithi mibini, yinyama kunye nomoya, zibonisa impembelelo ezimbini ezilwisanayo zamandla, iingqondo ezimbini ezahlukeneyo, lo gama umthi wobomi umele ubomi bethu bangaphathi begqaleko, umthi ka-Andinguye okanye oko ndikubiza umthi kaZWN ayiloqobo lwakho. Kanye njengomkhuhlane, ungayigcina intsholongwane, kodwa umkhuhlane ayinguwe. UPawulosi uqhathanisa isiqhamo sobulungisa ngokholo olusebenza ngothando kunye nemisebenzi*

yenyama nokwenza okuqhutywa bubutyala okuphathele kwisinyanzelo, kwityala kunye nakumandla entando. Jonga kumaRoma 3:27 nakwisahluko se 7. Khumbula, imfazwe seliphelile seliphunyelelwe! Zifake iingcinga zakho kuzo iinene zegumbi letrone. Kol 3:1-3. Uloyiso lwakho luphezu kwempumelelo kaYesu. Jonga ku- Efe 6 & 2 Kor 10:3-6 kwano 2 Kor 12:7-10, apha kwiMirror Bhayibhile)

5:18 Ukwazana nokhokelo lomoya *[kholo]* wakho , kukhululeka emthethweni *(wokusebenza okanye ukwenza kwakho.) Igama* ***agesthe*** *suka ku-* ***agoo*** *lixesha elingoku elimiyo – ukhokelo oluqhubekekayo. [Jonga isahluko se-3:3])*

5:19 Impembelelo yenyama icacile: naphi na apho koyisa isimilo sophakamiso mthetho esithanda ukugweba, izono zombulo ziyaqatsela! Kuvuleleke kwa nto: ukukrexeza, ubumdaka kunye nokungcola;

5:20 *(Isimbo sempilo ka-ZWN siqhutywa zinzame zakho kunye nokuzithanda siqu wena. Ingqondo ethwe yiba ngumthetho, inyama, ixhasa uhlobo oluthile lwesimilo esiziveza kwimpawu ezibonakala gca:)* **ezifana nonqulo zithixo, olo ilunqulo lomfanekiso wakho ogqwethekileyo, iziyobisi, inzondo, ubutshaba nemilo, ubukhwele, iphuku, ukurheletya, ukuvutha yimisindo, elowo nalowo ezikroqela kwihlabathi elingakhathaliyo lokhuphisana, kuxovulwa phezu kwabanye ukufika phezulu, imbambano, inkohliso kunye nobuqhetseba bokuqhatha iingqondo zabantu ngeemfundiso**

ezibuxoki. *("Inyama ayondalo yakho esezantsi," bubungqondo bomntu owileyo buzama ukulandela ubomi bokwakhiwa kwethu nanjengoba kungqineka kwisazela sakhe wonke umntu, ngokujikwa ngamandla entando ingaxhomekeki kuThixo.)*

5:21 Ukudliwa ziintsizi ezinomona, ukubulala, ubunxila, ukuthanda imiyotyo noburheletya, nazo zonke iingxabano eziphenjwa ngumona. Nanjengoba selenditshilo ngaphambili: abo baphila esi simbo sobomi abananto yakufana nobukumkani bukaThixo. *(Igunya lobomi bukaKrestu luyaphikisana kwaye luyalehlula ulawulo lwenyama.)*

5:22 Umoya wakho ngokulala nje uthwala esityebileyo isivuno sothando sovuyo, uxolo, umonde, ububele, ukulunga, imfezeko, ubulali; zonke ezi ngazinye zityhila apha umtsalane ongenakuzibamba kuwo wobomi bangaphakathi bengqaleko yethu *(Azitshitshi, akho kwaphuka kuzo kwaye azinantliziyo yeemvakalelo ezityumkayo ezenziwa ngamandla entando. Esi sisiqhamo soko ukwazi emoyeni wakho kuyinyaniso ngawe. Isiqhamo ke yimveliso engezi ngokubulaleka nakusebenza, koko yimbonakaliso yemo yomthi. Phumla kulwazi kunye nakwisiqinisekiso sokuba ungubani na ngenene.)*

5:23 Uphakamiso lomthetho alusoze lulinganiswe okanye luphikisane noku. Akukho mthetho ngokuchasene nothando! *(Uthando alukhuphisani nomthetho, uthando lubanzi lujulile kuboniso lwalo kubomi bukaKrestu.)*

5:24 Abo baqondayo ukuba ubulungisa babo bungoKrestu kwaye abuzi njengomvuzo wamandla abo okugcina umthetho, bafumanise ukuba inyama yabo nobuzwi layo bayo neenkanuko zayo zabethelelwa kunye noKrestu. *(amaGal 2:20; jonga na amaGal 5:18)*

5:25 Ngenxa yokuba sichazwa lukholo hayi inyama, sithabatha ukhokhelo lwethu kuMoya ekuziphatheni kwethu kwamihla le. Khon'igunya kwinyathelo lethu, simatsha kanye emgceni njengamajoni! *(Ubomi bukaKrestu ligunya eliphethe ngobukhosi ehlabathini!)*

5:26 Nikezela ngeenzame *(ngamandla akho)* **zakho ukuzama ukukholisana. Umthetho wemisebenzi uhlisela ubomi bakho kumona wokuqathanisana kunye nokukhuphisana okungabalulekanga, lo gama lona uthando lonke ixesha lusoloko lufuna uncedo lomnye!** *(Oku kuthetha inkululeko egqibeleleyo kuwo nawuphi na umthetho wangaphandle*

6:1 Bazalwane, ukuba omnye ubonakala eqhubeka ngokulindela ulabalabo lwakhe *(ngokuthwala umthwalo omninzi, jonga u-vesi 2),* **kwindawo yenu elukholweni mbuyiseleni lomntu kumoya wobulali nobabalo, nisigadile nesenu isimilo, usondelo lophakamiso mthetho luyakufuna ukukrokrela kunye nokugromb' 'iingxaki.** *(Igama u-**prolambano**, lithetha ukulindela, thabatha phambi kwexesha, **paraptoma**, suka ku-**para**, usondelo elikufuphi, ukususka kwindawo yempembelelo, & **pipto**, uthetha ukuphulukana nephezulu, ukuyeka ukubhabha, ukulabalaba. Khumbula umele ubabalo hayi umthetho).*

6:2 Ukususa umthwalo kumagxa omnye kuzalisekisa umthetho kaKrestu. *(Umyalezo wobabalo ususa yonke imithwalo eyalamana nomthetho, ntw'ezifana, netyala, ukrokro, ucekiseko, ihlazo kunye nesazela sesono.)*

6:3 Nabani na uzicingela ukuba ungothile obhetele engenguye, uphila ubuxoki lowo. *(Inkqubo yomthetho ixhasa unkwalambiso, ubabalo lutyhila ubuwena bakho benene buhlangulwe kuKrestu.)*

6:4 Ngoku, ngaphandle koxinezelelo lonkwalambiso, ukhululekile ukunika uveliso kubuwena bakho siqu hayi ubomi bokwenz'ingathi nokuzenzisa. Sivavanye isimilo sakho ngelona hlobo apho ungayi kudinga omnye ukuba akuncome ukuqinisekisa uvuyo lwakho.

6:5 Ekugqibeleni wonke umntu uphila ubomi bakhe *(nangona sabelana ngobomi bethu omnye komnye.)*

6:6 Bobabini umfundi nomfundisi batsala kwintloko yomthombo enye, bathabath'inxaxheba ngokulingana kuyo yonke into elungileyo. Ilizwi ababelana ngalo lihlokoma ngokwahluka kongcangcazelo sandi salo phakathi kubo.

6:7 Ningazikhohlisi! UThixo akanakwenziwa isidenge ngumntu. Ungakhokhelwa ekuphambukeni uze unyusel'uThixo impumlo, ngonge nguThixo okuyekeleyo. Isivuno rhoqo sityhila imbewu.

6:8 Inyama ayisoze ikhuphisane nomoya, kanye njengaku-Adam, isiqhamo somthi ka-ZWN sisavelisa ukufa, lo gama lona ukholo luvelisa umoya wesiqhamo sobomi bamaphakade, ubomi bohlobo lukaThixo.

6:9 Sonke isenzo sokulunga salatha isivuno. Masingadinwa ke phakathi nendawo (*Qinisekisa ukuba izenzo zakho ezintle ziqhutywa luthando endaweni yokuqhutywa yimfanelo. Ukholo lusebenza ngothando, imfanelo' ngamandl'entando.)*

6:10 Ngoko ke masithabathe uncedo lawo onke amathuba ukuba sibe yintsikelelo kuye wonke umntu esidibana naye, singalulibelanga usapho lwethu elukholweni.

6:11 Ukuphakamisa ungxamiseko elizwini lam, ndiyakubhala oku kulandelayo ngesam isandla ngamakhulu amagama:

6:12 Abo banithundeza ukuba naluke bazama nje ukuphepha utshutshiso ngomnqamlezo

kaKrestu. Bakhetha ukwaziwa nabo bangoogxa babo bamaYuda kwaye ke bathobis'umxakatho kumyalezo womnqamlezo. Kubo luphawu nje lwangaphandle into ethethayo.

6:13 Ayikuko nkqu nokuba kokomthetho oku banexhala ngako kakhulu, nto nje kufuna ukuqhayisa enyameni yenu, njengomqondiso wokuba baphumelele *ukunenza* **ababo kweyabo injongo.** *(basemveni kofumanela eyabo indima amalungu amatsha.)*

6:14 Sengathi okwam ukuqhayisa kungangabikho ntweni, kodwa kuwo umnqamlezo weNkosi yethu uYesu Krestu, lowo ngaye ihlabathi labethelelwayo kum kwaye nam kwihlabathi. Iinkqubo zobucawa benkolo zeli hlabathi kunye nobethelo zandla leli lizwe azinamtsalane kum. Ngokuphathele kuzo, ndifana nje nefileyo indoda.

6:15 Indalo entsha kuKrestu umcimbi wonke ungakuyo, hayi ngoba ubani walukile okanye akalukanga! *(UThixo wasinxulumanisa kuKrestu, xenikweni esifa safa, xenikweni evuswa savuswa kunye naye ebutsheni bobomi.)*

6:16 Umanyano lwethu noKrestu luhlabela mgama kwaye lusenza uSirayeli wenyaniso, hayi ngoba singamaYuda okanye abeNtlanga, owalukileyo nongalukanga! Owu, uxolo esilufumanisa encebeni yakhe! Olu lawulo ngumthetho omtsha esizithobela kuwo njengemfundiso yehambo yethu yamihla le!

6:17 Andibe ndiphinde ndihlutshwe kwakho. Selendithwele ngokwaneleyo amanxeba emzimbeni wam, andiphawula njengophantsi kobango lukaYesu. *(La manxeba ndiwathwele ekutshutshisweni ngenxa yezi ndaba zimnandi abaluleke ngakumbi kum ngaphezu kwenxeba lolwaluko!)*

6:18 Bazalwane, sengathi isityhilelo sobabalo lweNkosi yethu uYesu Krestu singaba lulawulo lomoya wenu. Amen.